

# OMNYE KWISIGIDI



Enkosi, mzalwana. Enkosi, Mzalwana uShakarian.

Kwaye molweni, zihlobo. Ngokuqinisekileyo kuhle ukuba lapha eLos Angeles kwakhona ngale ntsasa, phambi kwalengkoma, inkulu kunye nomhlangano ozayo wale veki izayo ngaphaya e-Embassy Hotel. Ndilindele ukunibona nonke ngaphaya. Kwaye sonke siphantsi kolindelo olukhulu lokuhlangana neNkosi uYesu, ukuMbona khona ngaphaya. Ukuthembisile ukuba Uyakubakhona, “naphina ababini okanye abathathu behlangene,” Uyakuba lapho.

<sup>2</sup> Kwaye ndiqinisekile ukuba ndihlangene naYe ngale ntsasa njengoko bendinyuka ngamanyathelo apha kwelihlo, xa bonke abantu benolindelo olukhulu, belinde isidlo sakusasa nentetho. Kwaye kuhle ukuhlangana apha nani, nakwisihlwele sikanomathotholo. Kukho abaninzi khona apha, ba... Kufanele ndihle kumgangatho olandelayo, ndize ndithethe kwabambalwa. Kwaye ukubona ezininzi izicelo, ingxaki yentliziyo, nezigulo ezahlukeneyo zemizimba yabo, kwaye silapha ngoku ukuthandazela abagulayo nabaxhwalekileyo.

<sup>3</sup> Njengoko bendifika kumphezulu wamanyathelo... Ndijonge kwine lendoda endala ngoku. Inyuke yeza kum, yaza yathi, “Mzalwana uBranham, kwiminyaka eyagqithayo...” Yathi yayinengxaki yentliziyo kakubi kakhulu ukuba i... bacinga yayizakufa. Kwaye ndayithandazela, laza ubabalo lukaThixo layiphilisa. Kwaye nantsi ilapha ngale ntsasa, igqithe lee kumashumi asibhozo, nje ivuya. Ke oko kusenza sithathe ithemba elitsha.

<sup>4</sup> Kwaye ngoku ngokuqinisekileyo ndicela imithandazo yabantu ngaphandle kumhlaba kanomathotholo, kananjalo nalapha. Emva kokuba ndiwushiyile lo mhlango, ndiya e-Europe, ezantsi e-Afrika najikelele, kwimihlangano. Kwaye oku kukuhamba ngombono, ke iyakuba ngumhlangano omkhulu phaya, ndiqinisekile. Kwaye ndive kwiminyaka ukuba iNkosi ifuna ndibuyele. Oluncinci oluthobekileyo, ulungiselelo oluthobekileyo ethe Yona yandinika, andicingi Yona igqibile ngalo okwakalokunje, khona ngaphaya. Kukhangeleka ngathi kungakho umphefumlo ndaweni ithile endinokuwubambisa kumnatha weVangeli, lowo ethe Yona yandinika ukuwola abantu, indlela yempiliso eNgewele, ukuthandazela abagulayo. Kwaye ngokuqinisekileyo ndicela imithandazo yenu, ngokubini nina bantu apha kunye nabo abangaphandle kwisihlwele sikanomathotholo.

<sup>5</sup> Andinaxesha nje ukuthatha umxholo ndishumayele, ntoleyo ndiyilindeleyo ukuyenza emva kwemizuzu embalwa apha kwi—

kwi...kweli holo, kodwa nje ukuthetha ku—kuni amathuba ambalwa, ukuqhelana. Kunye nasebantwini ngaphandle esizweni, ndizakuba nomthandazo ngabo bangaphandle, ngokukhawuleza, kunye nani apha ngokunjalo. Kwaye ndivuya ngokuqinisekileyo ukuhlangana naba balungileyo abatsha abahlobo endingazange ndahlangana nabo ngaphambili, nje ukuhlangana nabo ngale ntsasa.

<sup>6</sup> Sibe namaxesha amnandi enkonzweni kwezinye iindawo. Andisaphumi kakhulu, kuxakekekile kakhulu. Sizama nje ukugcina indlela ishushu phakathi kweJeffersonville, Indiana neTucson, Arizona, apho sindulukele khona kwiminyaka embalwa egqithileyo, ngombono weNkosi, esithumele phaya, kanjalo, ndingazi apho ndandisiya khona. Kwaye abaninzi benu apha, eClifton, ndithethe nani kancinci phambi kokuba ndimke, kwaye nakumhlango wasePhoenix, wombono ozileyo. Ndibone iiNgelosi ezisixhenxe kwintlanganisela.

<sup>7</sup> Kwaye ndiyazi, kwisihlwele sikanomathotholo, mhlawumbi abaninzi benu abangabeVangeli engcwele, kwaye oku kungakhangeleka kunokufihlakeleyo kancinci kuni. Ntoleyo, ibiyakuba njalo kum, kodwa kukho...Nabani onokucacisa nantoni, akuyomfuneko ukuba uyamkele ngokholo. Zizinto esingenakuzicacisa, ekufuneka sizamkele ngokholo. Asinakumcacisa uThixo. Akukho mntu unokumcacisa uThixo. Ungozimele-geqe, kwaye Mkhulu enamandla. Thina nje—thina nje siyamkela nje ngokuba sisazi Yena uphaya. Kuze emva koko ngokholo lwethu, ekwamkeleni oko, Ubuyisela impendulo kuthi, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

<sup>8</sup> Ntoleyo, ndizakuthetha nje kuni malunga nayo, kwimizuzu embalwa apha, kwi, indlela “kaThixo,” okanye, “indawo yokunqula.” Kwaye kuphela kwendawo onokunqula Yena, kuphela kwendawo Ayakuhlangana nawe, kufanele...Linye kuphela iBandla, inye indawo, linye ixesha, banye abantu, kuko konke ahlangana nako uThixo. Kwaye ndiyathemba ukuba iNkosi isikelela uMyalezo ezintliziyweni zenu apha.

<sup>9</sup> Ngoku, ukuza eTucson, kwakungaqhelekanga, loo mibono ndithetha nani eGameni leNkosi. Hayi namnye kuyo njengokuba ndinokukhumbula, ungabuza nabani ongomnye ukuba bangakhumbula nangaliphi ixesha, ukuba Wakhe watsho nantoni kuphela koko kwakuyiNyaniso. Yasoloko isenzeka nje ngendlela Athe iyakwenzeka ngayo.

<sup>10</sup> Kwaye Ufanele ayenze, ngokweZibhalo, ibuyele kuthi kwimihla yokugqibela, kolu hlobo lolungiselelo. Oko kuyakuba semva kobhaptizo loMoya, nokuthethwa ngeelwimi, nempiliso eNgcwele, nanjalo njalo, ezi zinto. Ukuthweswa komyalezo wePentekoste sithetha ngako namhlanje. Lo myalezo kaKristu ngoKwakhe umntwisiwe phakathi kwabantu Bakhe, kunye nezozinto zikwazinye athe Wazenza ngelixa Wayelapha

emhlabeni; emzimbeni Wakhe, uMtshakazi, ntoleyo iyinxalenye Yakhe, esenza izinto ezikwazinye, njengoMyeni noMtshakazi, okanye uKumkani noKumkanikazi, nje phambi komsitho woMtshato.

<sup>11</sup> Le veki, iNkosi ithandle, ndinqwenela ukuthetha okunye kokuya, ngaphandle emkhankasweni wethu apha, kuyo i—i—Embassy Hotel, kwaye nohlobo lokuqhelana kwindlela yam ethobekileyo yokuyenza. I—ixesha neyure esiphila kuyo, ukuba umntu akazi yeyiphi indlela amakaye ngayo, amakakwenze okanye indlela yokujika, a—akusahambi ngokholo; uyaqikelela nje, uyaqajisela. Kwaye *ukuqajisela* ku—ku “ya phambili ngaphandle kwegunya elisemthethweni.” Ke ukuba asikhange sifumane elenene igunya elisemthethweni lokwazi yintoni uThixo athe iyakwenzeka kule yure, singaze sibenakho njani ukujongana nale yure? Kwaye sifanele sijongane nayo, sisazi, ngokholo eLizwini Lakhe, izinto ezifanele ziyenzeka ngoku, kunye nemeko yezizwe, imeko yabantu, imeko yebandla, nanjalo njalo.

<sup>12</sup> Sifanele sikwazi oko, kunye ngoko nendlela emasihambe ngayo ukuya kujongana nayo. Ukuba akwazi mawukwenze njani okuya, nje u—nje oko siqhele ukukubiza, uhlobo lo, lokugxabhagxabhisa; nje ukutsibela ngaphakathi, uthemba ukuba iyakuba lapha, uthemba *oku* nokuthemba *okuya*, kwaye “ingaba iyakuba njalo?” Kodwa uThixo akafuni senze okuya. Ufuna sazi oko Akutshiloyo malunga nalo mhla, kuze emva koko sihlangane nayo ngokholo, ngokuba Uthe iyakuba ngala ndlela. Ngoko si—siyazi uyiNyaniso ngoko, ngokuba akufumananga lizwi lamntu uthile ngayo; ufumene iLizwi Lakhe ngako oko ekufuneka sikwenze. Kwaye siyathemba ukuba uBawo wethu waseZulwini uya—uyakusinika oku ngale veki.

<sup>13</sup> Ngoku, ndiyaxolisa kuba ndinqunqile, oko bendikutsho kwithuba elimbalwa eligqithileyo, malunga nokuza eTucson. Kwaye ndicinge, ngokwam, okokuba ibisisiphelo sobomi bam. Ndinge akukho bani unokuze abenokumelana nolwalothuso lwalameko olwenzeke kulambono ngala ntsasa, malunga nentsimbi yeshumi ekhaya, onokuze abenakho ukuphila emva kokuya. Kutheni, ndiza eTucson, ndisenza amalungiselelo nonyana wam, ukwenzela umfazi wam kunye—kunye nabantwana ukuba bahambe naye emva kokuba ndimkile, ngokuba ndicinge ibisisiphelo sam. Kwaye mna, ePhoenix neminye emininzi imihlangano phambi kokuba yenzeke, ndinixelele nje indlela eyakwenzeka ngayo.

<sup>14</sup> Kulungile, iinyanga ezimbalwa emva koko, ndandiphezulu eSabino Canyon ngenye intsasa, oko kusemantla nje eTucson. Ndandiphezulu phaya ukuya kuthandaza. Kwaye xa ndandithandaza, ndaba nesandla sam phezulu emoyeni, ndisithi, “Bawo, ndithandaza Wena ukuba ngandlela ithile Uyakundinceda, undinike amandla, ngenxa yeyure endijongene

nayo ngoku. Kwaye ukuba umsebenzi wam ugqityiwe apha emhlabeni, ngoko mandize kuWe. Kwaye asikukuba andifuni kuza, kodwa ndiyazi uyakuluhoya usapho lwam. Kwaye ndi—ndicela nje amandla ngale yure.” Kwaye into ethile yabetha isandla sam!

<sup>15</sup> Ngoku, sihlwele sikanomathotholo, oku ndikutshiloyo kungakhangeleka ngokungaqhelekanga, kodwa yinyaniso. Kwaye uThixo nguMgwebi wam.

<sup>16</sup> Ndajonga esandleni sam, kwayo nalo ikrele, linesingxobo kwindawo yesiphatho. Kwaye isiphatho ngokwaso sasenziwe ngeperile, kwaye lakhangeleka ngathi luhlobo lwesikhuselo esibugolide kwindawo yesiphatho. Kwaye i—sitshetshe ngokwaso sakhangeleka nje ngento eluhlobo olukhazimlayo, owu, into ethile enjengenkcenkce ebengezelayo okanye into ethile emenyezelayo elangeni.

<sup>17</sup> Ngoku, kwakumalunga neshumi okanye ishumi elinanye kusasa, kude kumphezulu wentaba. Ungafane ucinge indlela umntu (endiziva ndikwingqondo yam elungileyo) unokuziva ume phaya kunye nekrele elingasuki ndawo, abantu bekwiimayile ngeemayile, ubambe okuya esandleni sakho. Ndaliva, ndalithatha ndaphekuza ngesitshetshe emva naphambili, kwaye, kutheni, yayilikrele.

<sup>18</sup> Kwaye ndabhekabheka. Ndathi, “Kuhle, ngoku, kungenzeka njani okuya? Naku ndimi apha, kanye, apha, kwaye akukho namnye kangangeemayile neemayile, kwaye kuphi apho okuya kuvela khona?” Ndaza ndathi, “Kuhle, ndi—ndicinga mhlawumbi yi—yiNkosi indixelela sisiphelo sam.”

Laza iZwi lathetha lathi, “Eli liKrele leNkosi.”

<sup>19</sup> Ndaza ndacinga, “Kuhle, ikrele, ngoko likwi... okunjengokwekumkani, kwisithwala-ndwe,” uyazi, indlela ababeqhele ukwenza ngayo eNgilane nendawo ezahlukileyo. Ndacinga, “Oko kukokwalonto, kwisithwala-ndwe.” Ndaza ndacinga, “Kuhle, mhlawumbi kufanele ndibeke izandla ebantwini, okanye...” Ndibe nazo zonke iintlobo... Ingqondo yomntu ingonakala, uyazi. Akwazi. Iingqondo zethu zinesiphelo; Yena akanasiphelo. Ke, kwaye njengoko ndandinjalo, yona... Laza lemka esandleni sam ndaza andazi apho liye khona, lanyamalala nje. Kutheni, ukuba umntu akakhange aqonde intwana encinci malunga nezinto zikamoya, u—ubuyakuphambana ngolwahlobo. Ubuyakube ume phaya, umangele kokwenzekileyo.

<sup>20</sup> Kwaye Wathi, “Umbono ayisosiphelo sakho. Ungowolungiselelo lwakho. Ela Krele liLizwi. Amatywina Asixhenxe ayakuvulwa, imfihlelo ze...”

<sup>21</sup> Kwaye ngoko iiveki ezimbini emva koko, okanye iinyanga ezimbini, gxebe, emva koko, ndandiphezulu entabeni kunye neqela labahlobo xa yenzekayo. IiNgelosi Ezisixhenxe, nje

ngokucacileyo njengoko nime apha, zeza zitshayela ezantsi ukusuka eZulwini. Amatye entabeni aqengqeleka ehla ngeenduli, kwaye—kwaye abantu bemi phaya babekhala beqhubeka, uyazi, lwaye uthuli lubhabha ndawo yonke. Kwaye xa yayisenzeka, Wathi, “Buyela ekhayeni lakho. Ngoku iyakubanjalo, iNgelosi nganye iyakuba litywina ngalinye kumaTywina asiXhenxe.”

<sup>22</sup> Ntoleyo, iseteyiphini. Kwaye incwadi iyakuphuma msinyane, ekubeni ngoku luhlobo lolungiso-magama. Njengoko nisazi, igrama yam ayilunganga ncam, kwaye abantu abayi... Kufanele nje nibe ngabantu abandithandayo nabaziyo indlela yokundiqonda kwigrama yam. Kodwa esinye isifundiswa senkolo siyandilungiselela igrama, kwaye esusa yonke i—i... Kuhle, mhlawumbi nditsho igama elingalunganga phaya. Andazi kwa ukwazi. Ke, ndive umntu othile ehleka, ke ndiyaqikelela oko “yigrama” besingalunganga. Kodwa njengomDatshi, ndithathe ngoko ndibhekiselele kuko kwaye hayi ngoko ndikutshoyo, mhlawumbi.

<sup>23</sup> Kwaye kuyimizuzu nje emithathu ngoku, ndixelelwe, ekuyeni ekuvaleni kwenkqubo.

<sup>24</sup> Ngoku, nina bantu abathandekayo ngaphandle kumhlaba kanomathotholo, kunye nani bagulayo nabanezidingo apha kwisihlewele, ningabeka nje izandla zenu omnye komnye ngoku ngelixa sinelilizwi lomthandazo ngabagulayo. Ngoku, uYesu wathi, umyalelo Wakhe wokugqibela eBandleni, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.” “Bona,” bona abakholwayo! “Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.”

<sup>25</sup> Bawo Othandekayo waseZulwini, sinjengabantwana namhlanje, sithobela oko Uthe makwenziwe. Sibeka izandla phezu kwazo zonke ezizicelo zomnxeba. Wena ubona zona phandle ebaleni phaya, indlela abanezidingo ngayo, ababulalekayo. Uyabona abo apha abanesidingo, ababulalekayo. Kwaye sibanikela kuWe, Thixo othandekayo, kunye nolu kholo eLizwini Lakho lokuba Wena uthe, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Siphe oko, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu. Amen. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

[UMzalwana uBranham ugqiba usasazo lokuqala lukanomathotholo—Mhl.]

☆☆☆☆☆☆

<sup>26</sup> Enkosi, Mzalwana Shakarian. Ngokuqinisekileyo yinyhweba enkulu ukubuyela kwakhona elusasazweni, ukuza kuthetha kwabanye babahlobo bethu kumhlaba kanomathotholo, kananjalo nabakhoyo apha.

27 Kwaye ngokuqinisekileyo solulela esi simemo kuni, ukuba nize e-Embassy Hotel ngomso emva kwemini, ukuze nithandazelwe. Kwaye hayi oko kuphela, kodwa zisani abo bangaboni nabo bawileyo. Ukuba sithandazele nje abagulayo, kwaye sibone uThixo ngokuqhubekekayo esenza imimangaliso emikhulu, kodwa oko kokuza emva kweyona nto. Eyona nto kukusindiswa, ukuzaliswa nguMoya kaThixo, ntoleyo endizakuthetha ngayo kuni malunga nje nethuba elimbalwa apha, nemfuneko yendlela ekufuneka sizaliswe ngayo nguMoya kaThixo.

28 Kwaye impiliso eNgcwele isoloko itsala umdla wabantu, kwaye ibazise eBukhoneni bukaThixo. Xa uThixo esenza into aba-abaziyo iyaq-...kuhle, ayiqondwa. Asinakho ngokucazulula sibonise yenziwe njani. UThixo uyayenza ngendlela Yakhe Yena enkulu. Ngoko oko kutsala umdla wabantu, ukuwazi ukuba kukho uBukhona baMandla ndaweni ithile, anokwenza into engaphaya kokuqonda komntu, kwaye oko kubabangela bajonge kwiMvana kaThixo. Kwaye soloko, impiliso eNgcwele, ndixelelwe, kwaye ndiyakholwa, ngokwam, ukuba malunga namashumi amathandathu, mhlawumbi, namashumi asixhenxe epesenti, olungiselelo lweNkosi yethu, lwalukwimpiliso eNgcwele. Kwaye Wakwenza oko ukutsala umdla wabantu. Emva koko xa babelapho, Wathi, “Ngaphandleni nikhholwe ukuba NdinguYe, niyakutshabalala esonweni senu.”

29 Ngoku, impiliso eNgcwele likhadi elikhulu lokutsala, ukufumana abantu ukuba bajonge kwiNkosi uYesu. Kwaye uGqirha F. F. Bosworth, ntoleyo abaninzi benu, babengabahlobo kuye, kwaye bemazi, nolungiselelo lwakhe luthetha lukhulu kum njengomlungiseleli omncinci. Ndaqalisa emihlanganweni yam, kwaye ndabalekela kuMzalwana uBosworth. Wayeqhele ukuthi, “Impiliso eNgcwele,” yintetho encinci engqwabalala ngoku, wathi, “Impiliso eNgcwele sisibambisi kwigwegwe lentlanzi.” Wathi, “Akuze uyibonise intlanzi igwegwe. Uyibonisa isibambisi, kuze ngoko ifumane emva kwesibambisi ifike kwigwegwe.” Ke yilonto esizama ukuyenza. Oko yeyethu... thina... Injongo yethu kukusa abantu kwiNkosi uYesu Kristu. Kwaye Isekwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ke ukuba WayenguMphilisi kwimihla eyagqithayo, UnguMphilisi namhlanje.

30 Nje ubungqina obubobam phambi kokuthandazela abagulayo phandle kumhlaba kanomathotholo. Kwakuzintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, ndandihleli phezulu ezintabeni apho izinto ezinkulu zithe zenzeka phambi kweshumi elinesihlanu okanye amashumi amabini abazalwana phaya, apho iNgelosi yeNkosi yehlayo kakhulu, kunye neSikhanyiso esikhulu sibhabha ngesangqa sokukhanya esijikelezayo, igqabhuka ukujikela khona ngazo iintaba, namatye ebhabha ngamakhulu

amabini eenyawo, okanye ngaphezulu, ngaphaya, esika imiphezulu yemithi. Kwaye ndandimi kanye phaya phantsi kwaYo. Ndaza ndabaxelela iinyanga ezimbalwa phambi kokuba kwenzeka, iyakuba phaya kwaye yintoni eyakwenzeka; ngokuphandle, yayixeliwe ngosuku olungaphambili. Kwaye onke la madoda abalekele phantsi kwezigadla nayo yonke into, ezama ukubaleka. Ayengazi okwenzekileyo. Kwaye Yathetha nam yatsho okuyakwenzeka kanye kwakamsinya emva koko.

<sup>31</sup> Ndihleli kweli ilitye elithile phaya, kanye apho Yavela khona, ndandi ne—nesihlobo esasikunye nathi, esehlayo seza ukusuka phezulu eMinnesota. Abantu baso balapha ngale ntsasa kwaye andiqinisekanga kodwa usenokuba lapha kwenye yeminye imigangatho. Yayingu Donavon Weerts, kunye nolungileyo umfo osemntsha, umLutere owayesandula ukunikela ubomi bakhe kuKristu kwaye wayezaliswe nguMoya. Ethobeke kakhulu inkwenkwe yomJamani, malunga namashumi amathathu eminyaka ubudala, usapho, ababini okanye abathathu abantwana abancinci. Wehlela eTucson nje ukuba ngummelwana nam, apho amathathu okanye amane amakhulu andulukileyo ukuze abe ngabamelwane. Ke yena . . .

<sup>32</sup> Kwaye ndiyavuya ukuba nabamelwana abanjeya. Bandilandela yonke indlela ukusuka eMzantsi Afrika, naphina jikelele, nje ukuba kufutshane ukuze babone i . . . kunye nam, kunye nokuba nam kwaye nokonwabela iziyolo zeNkosi.

Onjalo ukuthobeka umfo, andizange ndamqaphela kangako.

<sup>33</sup> Kakade, abantu endibaziyo nendizihlanganisa nabo bafana nabazalwane, noodade bam. Ndiyabaqaphela, kwaye ndivakalelwa ndicinga baphuma emgceni, kwaye ndibathabathele ecaleni ndize ndithethe nabo, ngokuba ndiyabathanda. Sifuna ukuphila eLuzukweni sonke. Kwaye ngamanye amaxesha mhlawumbi, emihlanganweni, nicinga ndithetha rhabaxa kuni. Aku akusuki kuko. Asikukuba andinithandi, kodwa kuphuma entliziyweni yam, ngokuba ndi—ndi . . . Ifanele nje ibe yindlela enye. Kukho indlela enye kuphela yokukhonza uThixo, kwaye leyo yi . . . Kwaye kufanele sihlale kwindlela Yakhe, akukhathaliseki yintoni iingcinga zethu. Indlela Yakhe!

<sup>34</sup> Kwaye ndaqwalasela uDonavon, encamini yasekunene yendlebe yakhe, yayidumbile mhlawumbi amatyeli amathathu kumlinganiselo wayo, kwaye ikhangeleka bomvu kakhulu. Kuhle, ngoku ukucinga mhlawumbi ukuba, phaya entlango iintsuku ezimbalwa, apho sasikhona, okokuba mhlawumbi ufunyenwe likhakakhaka elithile endlebeni yakhe. Kodwa, ekuthabatheni isandla sakhe, ndafumanisa ukuba yayingumhlaza. Ke ndathi kuDonavon, ndathi, “Donavon, ingaba u . . . Kudala kangakanani okuya kube kusendlebeni

yakho?” Nje ukumgungqisa, ngathi andazi. Ndathi, “Kudala kangakanani okuya kube kuphaya, Donavon?”

Wathi, “Mzalwana uBranham, malunga neenyanga ezintandathu,” wathi.

Ndathi, “Kutheni ungayichazanga kum?”

<sup>35</sup> Wathi, “Owu, ekubeni usaxakeke kakhulu,” wathi, “bendingafuni u—ukuyenza.” Wathi, “Bendicinga mhlawumbi ngelinye ixesha iNkosi ingakuxelela.”

Ke ndathi, “Uyaqonda ukuba yintoni?”

Wathi, “Ndinoluvo olulungileyo.”

Ndathi, “Oko kulungile.”

<sup>36</sup> Kwaye kwintsasa yesibini, akukho ngaphezulu kunokuya, ndibambe inkwenkwe ngesandla, kwintsasa yesibini, kwakungekho nkqu nesiva endlebeni yakhe. Yayimkile yonke ngokupheleleyo.

<sup>37</sup> Amaxesha amaninzi siyacinezelela, kwaye sizama ukufika *koku, okuya*. Okanye...Yabona, iyi, “Le miqondiso iyakulandelelana nekholwa.” Ayithanga “ukuba bayakuthandazela abagulayo.” “Ukuba babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila!” Kufuneka sibe nokholo, ngokwethu, koko sikwenzayo. Kulungile.

<sup>38</sup> Ke ngoku uDonavon mhlawumbi úlapha. Niyakudibana naye. Uyakuba lapha, ukuba akekho apha ngale ntsasa, kweminye yemigangatho. Niyakudibana naye, kwaye uyakubazi obu bungqina.

<sup>39</sup> Kwaye kokuphi okunye ngaphezulu endinokutsho? Ndiyakholwa uLuka, okanye uYohane, omnye, wathi ihlabathi lalingenakuqul-... bamba, qulatha iincwadi ezazinokubhalwa ngoko Akwenzileyo phakathi kwabantu kulo mhla wokugqibela; indlela abagulayo abaphiliswe ngayo, amanxila ahlangukwa, ngamawaka abo, kunye nazo zonke iintlobo zezifo nenkxwaleko.

<sup>40</sup> Ngoku, nina bakumhlaba kanomathotholo, ngokunjalo nalapha, ndibambe apha ngoku ezinkulu ezizalise isandla izicelo ezizileyo ngomnxeba ngale ntsasa, iminxeba iqhubeka ikhala kusukela silapha. Kwaye ke thina...Ikhulu elinamashumi asithoba anesithandathu ezicelo zizile ngale ntsasa, ngomnxeba, kusukela silapha. Ke masimanyane emthandazweni ngoku njengoko ngamnye...Naphina apho ukhoyo, ngaphandle elizweni, beka izandla zakho omnye komnye, ukuba ningamakholwa. Ukuba akulilo, beka isandla sakho eBhayibhileni okanye into ethile phandle phaya, ngelixa sithandaza apha naphaya.

<sup>41</sup> Bawo Othandekayo waseZulwini, ubungqina obuncinci bukaDonavon Weerts, nje obunye bamawaka, Nkosi, othe Wena ngenceba...ndiyathandaza okokuba Uyakujonga



ezantsi ezintliziyweni zabantu ngokubini apha nakwilizwe likanomathotholo. Kwaye banga, wonke ngamnye, aphiliswe. Wanga ongendawo angabashiya, kwaye banga bangahlangukwa kuzo zonke inkxwaleko zabo. Siphe oko, Bawo. EGameni likaYesu Kristu, uNyana Wakho, siyayicela. Amen.

Enkosi, Nkosi... [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

[UMzalwana uBranham ugqiba usasazo lwesibini lukanomathotholo—Mhl.]

☆☆☆☆☆☆

<sup>42</sup> Kuhle, eli lityeli lesithathu lam phezulu apha ngale ntsasa. Bethu! Kwaye, niyazi, ibixeliwe nje ukuba kufuneka sishiye isakhiwo malunga neshumi elinesibini, imizuzu elishumi elinesine, okanye into ethile. Kwaye abaphathi bathi, osemgangathweni phaya, kwaye abanakunikeza ngakutya kwakhona. Ukutya kwethu kutsalile. Sibe nezityo ezininzi, niyazi. Ke kakhulu, sivuya kakhulu ngokuba sibe noku kukhulu komoya, intloko ngokulungisa ukutya, njengoko bendinokuyibiza, ngale ntsasa apha kunye neli lihle ingquba lamadoda.

<sup>43</sup> Ndingathanda uku—ukuchaphazela okokuba thina si... iinkonzo kwakhona, ngomso emva kwemini, ngaphaya eEmbassy. Ngoku, siyakube sithandazela abagulayo phaya, kwaye silindele uThixo ahlangani nathi. Kwaye ndizile ukuzakufaka eyam indawo, ulungiselelo lwam, ekwenzeni (konke esinokwenza) lo mhlangani ube yimpumelelo. Hayi impumelelo kuba iyimihlangano yethu, kodwa impumelelo yabantu befumana uYesu Kristu. Leyo yimpumelelo. Nayiphi imihlangano, nokuba sidumisa kangakanani uThixo, zingaphi izinto ezinkulu esiMbona ezenza, mangaphi amaxesha Ethetha nathi kuMoya, nanjalo njalo; de kubekho into ethile ezuzwayo, imiphefumlo ethile eziswa ebuKumkanini!

<sup>44</sup> Kwaye uMzalwana uShakarian wenzile nje i—intetho kanye ngoku malunga noko acinga malunga nale mihla esi—esiphila kuyo. Ndikukholelwa ngokunyanisekileyo oko ngentliziyo yam yonke, okokuba siphila nje kwixesha lokuvalwa, nje ku—kumathunzi orhatya. Ilanga limke kakhulu. Kwaye xa sibona izinto zisenzeka ngendlela eziyiyo namhlanje, kutheni, kunzima ukuchaza yintoni esinye isizukulwana esiyakuyizisa. Kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo...

<sup>45</sup> Mandikunike nje okuncinci okuthile kwangaphakathi. Benze uhlalutyo kwi Arizona yonke, apho ndihlala khona, kuzo zonke izikolo. Banike abantwana, ekungazini kwabo, uvavanyo lwengqondo. Kwaye qikelela intoni? Kuquka nezikolo zemfundo ephakamileyo kunye—kunye nezikolo zegrama, kwakukho amashumi asibhozo epesenti yabantwana abagula kukucutheka kwengqondo. Amashumi asixhenxe abo babengababukeli

bakamabonwakude. Yabona, amademoni, anyebezele kuthi kwaye asi. . . Uyamangaliswa kutheni isiza. Akunakuliva iZwi likaThixo likhwaza ngokuchasene nayo, kodwa nangoku naku si—sizifumana siphinyelwe kuyo.

<sup>46</sup> Mandikunike into eyothusayo. Yabona, “Asingabo bonke abathi kuM, ‘Nkosi, Nkosi,’ abayakungena; kodwa abo abayenzayo intando kaBawo.” Intando Yakhe liLizwi Lakhe. Singaba ngabanenkolo kakhulu, sibe nexesha elimnandi, sikhwaza, sixhuma, kule mihlangano, ntoleyo esiya. . . Andi—andifuni kuba ngogxekayo. Kodwa ndino—noxanduva lokulenza kuThixo, kwaye ela xanduva kukunyaniseka nokutsho oko afuna ndikutsho. Kwaye ndi—ndinombulelo kakhulu ngesahluko saseCalifornia abandinyamezeleyo kwii—kwiimbophelelo zam. Ukuba andithethi mbophelelo zam, ndingumhanahanisi kwaye ngoku andikho nanyanisekileyo kuni. Kwaye ukuba andinakunyaniseka kuni, ndinganyaniseka njani kuThixo? Kuba ndiyanibona kwaye ndithethe nani. Kakade, siyayenza, kuThixo, nanjala, kodwa kufuneka sinyaniseke ngenene kwaye sithembeke omnye komnye. Ngokuqinisekileyo sikwesoyikekayo, soyikekayo isigaba. Kwaye ingaba wakhe wema. . .

<sup>47</sup> Ndivumele nje ndikunike uhlalutyo nje oluncinci. “Asingabo bonke abathi kuM, ‘Nkosi, Nkosi,’ abayakungena; kodwa ngulowo owenza intando kaBawo.” UYesu wathi, emhlabeni, “Umntu akasayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi.” Lonke iLizwi! Hayi nje ngoku nangoko, iLizwi, kodwa ngalo lonke iLizwi.

<sup>48</sup> YayiliLizwi elinye elalingakholelwanga, yekaThixo. . . ekaThixo imithetho, eyabangela ukufa, usizi, naso sonke isigulo nentliziyo ebuhlungu, ukuphosa iLizwi likaThixo, iLizwi elinye! Ukuba yathabathela ekufeni uhlanga loluntu, ngokuphosa, ngokungakholwa iLizwi elinye, “ngokuqinisekileyo,” ngokuqinisekileyo. Kodwa iyakwenzeka. Wathi uSathana, “Ngokuqinisekileyo ayisokuze.” Kodwa yenzeka.

<sup>49</sup> Ke, kufuneka sigcine lonke iLizwi likaThixo. Kwaye ukuba umntu kunye nako konke oku kuva ubunzima nezinto ezaya kuhlanga loluntu, ngokutolika ngokungekuko, okanye—okanye ngokungakholwa iLizwi elinye, sibuyela emva kanjani ngokuphosa Elinye, ukuba ixabisa lonke eli xabiso, nkqu noBomi boNyana Wakhe?

. . . *baninzi ababiziweyo, . . . bambalwa abakhethiweyo.*

. . . *baninzi ababiziweyo, . . . bambalwa abonyuliweyo.*

<sup>50</sup> Andinakuthabatha mxholo koku, kodwa, kuba asinaxesha, kodwa nje ukushiya into ethile kuni:

<sup>51</sup> Masinge nge. . . ndahamba ngenye imini kunye noMzalwana uShakarian, apho babexubanisana iinkomo. Kwaye ndabona i—i. . . kwilabhoretri apho uMzalwana

uShakarian wandisa khona. Kwaye bafaka kwimbewu yeduna lenkomo, nje encinci. . .njengesixhobo esincinci, umcinga wematshisi, baze bathathe igquba lokuya kwembewu, baze bayibeka phantsi kwalaglasi ekuyibonakalisa kakhulu amatyeli alikhulu. Kwaye kwakukho iimbewu ezincinci zixhuma kokuya, kulambewu. Ntoleyo, siyazi imbewu isuka kwiduna, nenqanda kwisikhomokazi. Ndaza ndabuza usokhemisti phaya, ndathi, “Yintoni leya yenza okwakuxhuma kuncinci kunjeya phaya?”

Wathi, “Okuya zi—okuya zinkunzi ezincinci namathole.” Yabona?

Ndathi, “Kwela thontsi lincinci?”

Wathi, “Ehe.”

<sup>52</sup> Ndathi, “Mhlawumbi ngoko kulambewu yonke kuyakubakho izigidi zazo?”

Wathi, “Owu, ehe.” Yabona? Ngoku, qaphelisisa.

<sup>53</sup> Ngoku, xa lento inkulu isenzeka, kukho iqanda elinye elilinde ukhozo elinye lobomi kwesasigidi. Kwaye akukho namnye unokuchaza leliphi ukhozo lobomi elililo, okanye leliphi iqanda elililo. Ukuba uqaphela uzalo lwendalo, lingumnqa kakhulu kunalo u—kunalo uzalo lwentombi. Ngokuba, kule mbewu, kukho enye emiselwe kwangaphambili ukuphila, kwaye ezinye zazo ziyakufa. Kwaye asiyo yokuqala edibanayo; yeyokuqala ehlangana neqanda. Mhlawumbi iqanda lingavuka emva kwembewu, okanye embindini wembewu; ukhozo lobomi lingayenza kwa into ekwanye, iqanda. Ukhozo lurhubuluzela kwiqanda, nomsila omncinci uwe usuke kulo, kwaye nako kuqalisa ithambo lomqolo. Kukho kuphela enye kulamfumba, yesigidi, eyakuphumelela, inye kuphela; kwaye leyo imiselwe ngangaziwayo aMandla, emntwini. Noko wena, nonke, ngokufanayo, onke kulamakhazo obomi ayafana. Into enye kwizilwanyana. Into enye emntwini. Imiselwe nokuba iyakuba yinkwenkwe, ntombi, intloko ebomvu, intloko emnyama, okanye intoni. Imiselwe nguThixo. Onke kuwo akhangeleka, ngokufanayo, kodwa kukho omnye phaya elimiselwe ubomi; omnye kwisigidi, noko onke ayafana.

<sup>54</sup> Xa uSirayeli washiya iYiphutha, kwakukho malunga nezigidi ezibini zabantu ezemkayo ngaxeshanye. Bonke ngamnye kubo wava umyalezo womprofeti. Wonke ngamnye kubo wabona iNtsika yoMlilo. Wonke ngamnye kubo wabhaptizelwa kuMoses, kuLwandle oluBomvu. Wonke ngamnye kubo wakhwaza ku—kuMoya, wabetha ithamborina kwaye wabaleka esihla enyuka unxweme, kunye noMiriya, xa uMoses wacula kuMoya. Bona, wonke ngamnye, wasela kwiLitye elinye likamoya. Bona, wonke ngamnye, watya iMana entsha busuku ngabunye. Wonke ngamnye kubo! Kodwa babababini abafikayo elizweni, omnye kwisigidi.

55 Yayintoni uvavanyo? Basela bonke kwiLitye elinye, batya bonke iMana yomoya enye njengoko siyitya ngale ntsasa, kodwa uvavanyo lweLizwi labaqondakalisa. Xa kufikwa kwixesha leKadesh-barnea, xa baqalisayo ukuwelela kwilizwe lesithembiso, kwaye babengenakuwelela de babe bavavanyiwe ngeLizwi. Kwaye lonke i-ishumi elingelinye lajika, lathi, “Asinakufika! Abantu banje... Sinjengemicikwana, kubo izixeko zabo, zendonga ezinkulu. Ukuchasa kukhulu kakhulu.”

56 Kodwa uYoshuwa noKalebhu babathulisa abantu. Bathi, “Sinakho ngokungaphezulu ukuyenza!” Ngokuba? UThixo utshilo, phambi kokuba bemke, ilizwe lesithembiso, “Ndininikile ilizwe. Ndilinkele kuni. Lelenu.” Kodwa kwakukho omnye kwisigidi ngasinye.

57 Kukho malunga nesihlanu samakhulu ezigidi ababizwa amaKristu ehlabathini namhlanje, kwaye usuku ngalunye luggqiba isizukulwana. Kwaye ngoku, kungathini ukuba uXhwilo lungeza namhlanje kunye namakhulu amahlanu abantu, zwelonke, bayakuthatyathelwa kuXhwilo? Ubungasokuze wazi okanye ubone kwasephepheni, ngabo behamba. Kwaye uKuza kweNkosi kuKuza okuyimfihlelo. Uyakuza abe. Iyakuba lelona gcuntswana, de... .

58 Njengokuba ibinjalo ngemihla xa abafundi bambuzayo uYesu, “Kutheni aBabhali besitsho ukuba—ukuba u-Eliya kumele afike tanci?”

Wathi, “Sele efikile, kwaye zange nayazi.”

59 Wakhe wacinga yintoni abayenzayo abantu? Baqhubeka nje bekholwa ukuba uMala... ukuba uMal... u-Eliya wayesiza. Kwaye wayephakathi kanye kwabo, kwaye babengayazi.

60 Ke iyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu! Bayakwenza kuye nje into ekwanye. UMoya kaThixo ulapha. Kulungile, sizakwenza ntoni ngaWo? Ingaba sizakutya iMana, nanjalo njalo, kwaye singaqhubeki sinyuke njengoko sikhula?

61 Wakhe wayiqwalasela imbewu, njengoko uMfundisi uPitts ebethetha kwimizuzu embalwa egqithileyo, nendlela imbewu eya ngayo emhlabeni? Iimbewu ezininzi ziphaya emhlabeni. Xa uThixo wafukama phezu kwamanzi, ngoKukhanya, noKukhanya kusizisa, uBukho bokuqala bukaThixo, uKukhanya okuthethiweyo kweza ngeLizwi likaThixo. Kwaye iLizwi likaThixo kuphela kwento esazisa uKukhanya. Kwaye xa amanzi abuyela emva, imbewu yayisele isemhlabeni, noKukhanya kwazisa kuphela iimbewu ezasalela kunye nokhozo lobomi kuzo, zaphuma. UThixo esenza indalo Yakhe.

62 Kwaye ngoku, kwintsasa yePasika kwakukho okunye uKukhanya okwabetha umhlaba, xa uMoya oyiNgcwele wanikezelwayo. Kwaye Unikezelwa ukuzisa uKukhanya kwezoMbewu athe uThixo, ngolwazi lwakhe lwangaphambili, waziyo ukuba ziyakuba lapha emhlabeni. Njengoko Wayazi

imbewu yokuqala yasendalweni, Uyazi kuphi apho iMbewu yokumoya ikhoyo. Umzimba wakho wawulele kanye ngoko apha emhlabeni, xa uThixo waqalisayo ukuzisa umhlaba ukuba ubekho. Siyinxalenye yomhlaba. Sasilele phaya. Kwaye ngolwazi lwakhe lwangaphambili Wazi ngqo ngubani oyakuMthanda kwaye ngubani oyakuMkhonza, nokuba ngubani ongayi kumkhonza. Ulwazi lwakhe lwangaphambili luxela lonto. Ukuba alenzi njalo, ngoko AkangoThixo. Akanakuba nguThixo ngaphandleni kokuba abe ngongenasisiphelo. Kwaye ukuba Ungongenasisiphelo, Wazi zonke izinto.

<sup>63</sup> Ke, ubona abantu besenza amaphutha abo. Bakhubeka kuyo. Babaleka kuyo, kwaye bacinga *lena* na *leya*, kodwa ayisebenzi kakuhle, siyayibona. Kodwa kukho okusebenza kakuhle, kukufumana intando kaThixo egqibeleleyo nokuma kuyo, oko uThixo akubizele kona.

<sup>64</sup> NjengoMzalwana uJack etshiloyo kwimizuzu embalwa egqithileyo malunga nasezantsi apha kuyo i—iPershing Square, konke ukubhidakala. Omnye *ngale* ndlela, nomnye *ngala* ndlela; namalunga nezifundiswa zenkolo, nanjalo njalo, okokuba ufuna ukwazi imfundo ngezenkolo, yihla uye ezantsi phaya.

<sup>65</sup> Ndiyaqikelela oko nje kumalunga njengoko kunjalo eHyde Park eLondon. Ndandisezantsi phaya, wonke ubani unoluvo lwakhe. Iyi—iyingxubevange yehlabathi lalemihla eBhlabheli.

<sup>66</sup> Kodwa ingaba uqwalasele njengoko—njengoko uMzalwana uPitts eqhubekile nomyalezo wakhe othandekayo ngale ntsasa kuthi? Njengoko eqalisa ukuphuma epakini, kwaye phaya wafumana encinci inyibiba yePasika. “Embindini wako konke ukubhidakala,” njengoko eyizisile kuthi, “yayingenandlela yokuthi ‘ewe’ okanye ‘hayi.’ Yayibubomi bukaThixo bukhazimla kuyo, embindini wako konke ukubhidakala.” Yayilapho ekuqaqambeni kwayo, ngokuba uThixo wayeyibekele ukuba ibe phaya. Embindini wayo yonke imbambano, akukho bani wayeyigqala. Zange bakubone okwayo okuyithethayo komoya.

<sup>67</sup> Kwaye injalo namhlanje phakathi kwazo zonke ezethu ezinkulu iintlangano namaqela amakhulu, namabandla namahlelo, nanjalo njalo. Omnye utsalela *ngale* ndlela, “Kufuneka sibe ngamaBhaptizi, okanye amaRhabe, funeka sibe *yile*, *leya*, okanye *enye*.” Embindini wako konke kwayo, kukho intyatyambo ekhulayo. Kukho amandla kaThixo kanye phakathi kwethu, evuswa kanye embindini wethu sonke. Masime nje siyijonge, imizuzwana, size siyiqaphela ngale veki, size siyibone icombuluka phambi kwethu. Siyakholwa uThixo uyakuyenza. Aninjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>68</sup> Ndiyabona sifanele sibe kumgangatho osezantsi ngoku. Ke masithandazeni, ngamnye kuthi.

<sup>69</sup> Thixo othandekayo, xa siqubuda intloko zethu eBukhloneni Bakho, siziva ukuba asigqibelelanga kakhulu ukucela.

Kodwa Usithembisile oko, ukuba singeza, akuyi kusigxotha. Kwaye ezintetho zikrwada ezisandula kwenziwa, zingenakho ukuba yimfundiso, “omnye kwisigidi,” kuphela nje uhlobo lokukhumbula. Kube Uthe:

*. . . limxinwa isango, icuthene nendlela, eya ebomini, kwaye bambalwa abayakulifumana.*

*Kuba baninzi ababiziweyo, kodwa bambalwa abanyuliweyo.*

<sup>70</sup> Owu Bawo onguNaphakade, thumela uKukhanya kweVangeli ekunqumelezeni esi sixeko, ngale veki ezayo yenkomfa. Kwaye ukuba kukho nayiphi iMbewu, ngandlela ithile ngoBakho Wena obukhulu, ubulumko bokubonelela, njengokuzama ukuyibonisa embewini yeduna nesikhomokazi, banga bangaqengqelekela enkomfeni. Wanga uMoya oyiNgcwele ungabanika uKukhanya. Siyaqonda ukuba ixesha mhlawumbi lisemva kwexesha kunokuba sicinga linjalo. Siyathandaza, Thixo, ukuba njengokuba sisiza apha, nje sikholwa mhlawumbi kukho okuthile apha okunokwenziwa okunokunceda abantu, okanye—okanye kubambisa lamvu yokugqibela. Siyazi, xa ubuhlanti buzele, emva koko uMalusi uyakuvala isango.

<sup>71</sup> Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, xa ilungu lokugqibela losapho langeniswayo, uThixo wavala ucango. Kwaye babetha bamngomba, kodwa kwakusekusemva kwexesha. Thixo Othandekayo, babenalo ithuba.

Uthe, “NdiliSango eliya ebuhlantini bezimvu.”

<sup>72</sup> Kwaye indlela eyothusa ngayo ingoma esuka kwimbongi, “Awonelanga na amashumi asithoba anesithoba kuWe? Kodwa, hayi, kwakukho engenye.” Ingaba yencinci imvu emnyama, okanye ingaba yencinci engento, ingaba sesincinci isikhomokazi okanye iduna. Asazi ziphi, kodwa leya yokugqibela kufuneka ingene kwaye ngoko isango liyakuvalwa. Owu Thixo, Owazi zonke izinto, phengulula ubomi bethu ngale ntsasa. Uze usithumela naphina apho sinokuya khona, ukuze sibenokufumana leya yokugqibela, ukuze isango libe nokuvalwa kunye noMalusi ngaphakathi nezimvu. Siphe oko, Nkosi. Ukuba kungabakho lowo apha namhlanje, ukuba lowo ofanele ukungena ngaphakathi . . .

<sup>73</sup> “Bonke andinike bona Mna uBawo bayakuza kuM. Kwaye akukho namnye unokuza, ngaphandle kokuba uBawo amtsale.”

<sup>74</sup> Kwaye ukuba kungabakho uxhuzulo, okanye imvakalelo encinci, eyokuba lena ingaba yiyure yomntu othile apha kwesi sihlele, apha okanye kumgangatho ongasezantsi, okanye naphina banokuba khona, banga bangaphendula, “Ewe, Nkosi, ndiyileya ibhadulayo ebhadulele kude; kwaye eye yaYilwa, bonke ubomi bam. Ndi—ndi—ndivakalelwe ukuba kufanele ndize, kodwa namhlanje ndihleli kwicala lokoyiswa. Andinakunyuka okanye ndehle. Andinakuya ndawo.”

Owu, wanga omkhulu uMalusi angeza, ahlise izandla zakhe ezithambileyo angenise lowa ngokukhuselekileyo, ambeke emagxeni Akhe ambuyise ngokukhuselekileyo.

<sup>75</sup> Mhlawumbi kukho lowo apha, Nkosi, ogulayo, kwimeko efanayo, athe wathi ugqirha, “Akukho nto enokwenziwa.” Uzame nzima ukuyinceda, kodwa akakwazanga kuyinceda. Ingapha kokufikelela kwakhe. Akukho—akukho nto anokuyenza. Iyeza lakhe okanye imela yakhe ayinakufika kuyo. Kodwa, owu Nkosi, akukho nto ikude kwingalo Yakho enkulu, kwaye iLizwi Lakho yingalo Yakho. Kwaye siyathandaza, Thixo Othandekayo, okokuba, ngale ntsasa ngelixa sithetha naWe, ukuba Ukufikelela ezantsi uthabathele phezulu lowa ogulayo nongenakuzinceda, ongenakufikelelwa ngazo zonke iimeko zenzululwazi, kude kugqirha, banga bangaphiliswa. Siphe oko, Nkosi.

<sup>76</sup> Njengoko sicinga ngoDavide, njengoko wayenikwe uxanduva kwizimvu ezimbalwa, nje ezimbalwa. Kodwa ngenye imini ibhere leza laza lafumana leya incinci imvu layikhuphela ngaphandle, kwaye lalinokuyitya (njengomhlaza ubunokutya umzimba), okanye ingonyama enkulu. Kodwa uDavide, engaxhotyiswanga kakuhle ngo—ngompu, okanye, engeyondoda yakrele, kodwa kuphela enesilingi, walandela emva kwalamvu. Kwaye xa wasifumanayo i—isilwanyana esasimalunga nokubulala imvu encinci, wasibulala ngesilingi. Nje esilula esincinci isixhobo esinentwana yofele nentambo, kwaye, kodwa wayenokuthembela kuyo.

<sup>77</sup> Asinangcali phakathi kwethu, Nkosi. Singabantu abalula kunye nomthandazo omncinci, kodwa siyalandela ngale ntsasa emva kwezimvu zikaBawo. Laa mfazi ohambe izitrato, elusizi, etshaya imidiza, ezama ukufumana uxolo ngomdiza; laa ndoda inukisa igilasi yazama ukuyibeka, kodwa utshaba luyibambe lwayiqinisa; laa nkwenkwe okanye intombi ezame ukwenza okulungileyo, engenako nje ukufumana amandla wokuqhawula kwinto engalunganga; siza eGameni leNkosi uYesu, ukuza kubanga lamvu ngale ntsasa. Sichasa utshaba; ngokuba yinto elula, isilingi, umthandazo, kodwa siyeza ukuza kubuyisela lowa mnye kubuhlanti bukaBawo, ukuze sibe nokunika ingxelo ngezo zinto ebezinikelwe esandleni sethu. Anga amandla kaThixo ngoku angabetha ukholo, ezantsi ezintliziyweni zabantu, kwaye wanga laa mphefumlo ulahlekileyo ungabuyela ngale ntsasa. Zanga izihendo zobu bomi zingamjika, zimyeke. Kwaye wanga angazifumana isiqu sakhe emagxeni kaMfundisi, ethwalelwa elukhuselweni kwakhona. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>78</sup> UThixo anisikelele nonke. De ndinibone ngomso, ndiyakuyinikezela inkonzo kuMzalwana uShakarian. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

[UMzalwana uBranham ugqiba isiqendu sesithathu—Mhl.]



<sup>79</sup> Lena, ndi—ndiyathemba ukuba niya...ukuba ndifumene inceba eninzi ebusweni bukaThixo naphambi kwenu, ukukholelwa ukuba ndiyakuma apha ndinixelele into ethile engalunganga. Ndiwagqithile amashumi amahlanu anesithandathu am osuku lokuzalwa kwam, ngenye imini. Lona asingoMyalezo nje wendoda endala. Ndakukholelwa oku kususela ndiseyinkwenkwe encinci. Kwaye ukuba oku akuyonyaniso, ndiyakube ndingoyena mntu usisidenge uThixo anaye emhlabeni. Ndinikele ubomi bam bonke ngesi Sizathu. Kwaye ndingatsho na oku ngokunyaniseka: ukuba bendineshumi lamawaka obomi, andisokuze ndiguqule uluvo lwam.

<sup>80</sup> Ngoku, impiliso isekufikeleleni kwakhe wonke ubani. Khumbulani, impiliso ikuni. UThixo wabeka emthini wepesika yonke ipesika eyakuba kuwo, xa Wawuyityalayo eMyezweni. Yabona, wena nje...umthi wepesika okanye umthi we-apile, okanye umthi wesiqhamo, kufuneka nje ukhule, ekuseleni amanzi emhlabeni. Ngoku ngamnye kuni unezo zakhono kuwe, zokukuphuhlisa, kuba nguThixo, sukela utyaliwe kuKristu ngobhaptizo (hayi ngobhaptizo lwamanzi), ubhaptizo lomoya. Akuzi kuKristu ngobhaptizo lwamanzi. Ngobhaptizo lomoyo!

<sup>81</sup> Emva kwemini ngomso, iNkosi ithandile, ndithetha kokuya, *kanjani kwanento* ekuyiyo ukusetyenziswa kwaWo. Sinayo emva kwemini ukuze ingaphazamisani kunye nayo nanye yeenkonzo zenu.

<sup>82</sup> Ngoku jonga, ngamnye kuni apha ume njengamakholwa, yabona, ngoko uBomi obabukuKristu bukuni. Bunganako, ukuba nje ningayibona!

<sup>83</sup> Ngumsebenzi kamtyholi ukunithintela koKuya, anigcine nimfamekile. Anganenza nimfameke nje, oku, yabona, akwazi apho uyakhona ngoko. Indoda eyimfama ayinakukuxela apho iya khona, kufanele ifune ukuqonda kothile obonayo. Side sibe nokuqonda, umntu othile ufanele asixelele yintoni iNyaniso.

<sup>84</sup> Kwaye uKristu ukufele, kwaye ususiwe ehlabathini wasiwa kuKristu. Kwaye yonke into onesidingo ngayo ingaphakathi kuwe, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ingaba ayinjalo lonto? Ngoku kuphela kwento ofanele uyenze kukuqalisa nje ukusela Kokuya.

<sup>85</sup> Kwaye njongokuba umthi usela, uyaqalisa ukutyhala amagqabi awo, imidumba, utyhalele ngaphandle iziqhamo zawo nyaka ngamnye. Isiqhamo asikho semhlabeni; isiqhamo sisesityalweni. Bangaphi abakuqondayo oko, yithi “amen.” [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ke, yabona, isiqhamo sisesityalweni, kwaye sonke isityalo kufanele sisele kwichibi laso. Njengoko imvula isihla, inika esa sityalo, ubomi, ukuba sisele kuyo. Kwaye, njengoko sisela, siyakhula.



86 Kwaye siyakhula side sifikelele kukuthupha okupheleleyo, nje kanye ngeBandla linjalo, liqaqambe kwesi sigaba.

87 Kwaye, njengoko sisela, siyakhula. Kodwa ukuba isityalo sala ukusela, emva koko isityalo asinakukhula. Kwaye ukuba nje uyakuyikholelwa ngoku, wena wedwa!

88 Kakade, niyazi yenza njani iNkosi, ibonisa izinto ezahlukeneyo, yoko ukwenzileyo noko kufanele ube awukwenzanga, nanjalo njalo, emhlanganweni. Besinethemba ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuwela phezu kwethu ngale ntsasa wenze oko, njengoko besimile. Kodwa ndiqhubeke ndilindile.

89 Ndinga yindawo ebuphakuphaku, ukucinga ukuba kumgangatho ongasezantsi basifuna siphumile apha, yabona. Kodwa bayasifuna; sisemva kwexesha ngoku.

90 Kodwa kholelwani oku, ngentliziyo yenu yonke. Ncedani yenzeni. Ukuba ndi—ukuba ndifumene inceba ebusweni benu, njengomntu onyanisekileyo, kholelwani oku. Ngoku bekani izandla zenu omnye ko—komnye.


91 Ngoku jonga, ngoku, iBhayibhile ayitshongo, “Le miqondiso iyakulandelelana noWilliam Branham.” Ayitshongo, “Iyakulandelelana no-Oral Roberts kuphela.” Ayitshongo, iyakulandelelana no “Mzalwana uKopp” okanye “umntu othile.”

92 “Le miqondiso iyakulandelelana nabo,” isininzi, “abakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Ngala mandla kaThixo akuwe, azisa uBomi emntwini onesandla sakho kuye, umthombo onika uBomi boMoya oyiNgcwele.

93 Thixo Othandekayo, eGameni likaYesu Kristu, kwelixesha libalulekileyo xa ibandla... banga bangema kulomzuzwana, ngaphandle kokuphakuzela, kwaye anga amandla avusa uKristu engwabeni, angadlisa ubomi kubo nje ngoku iNyaniso yeVangeli, yokuba umyalela kaYesu yayingowokuba, ukuba “babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila.” Anga onke amandla edemoni, sonke isigulo, sonke isifo, yonke inkxwaleko, yonke into ethuthumbelayo ethe yenzeka ebantwini, yanga ingemka kanye ngoku ngokholo. Njengabantu abakholwayo, sikucela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

94 Ngoku phakamisani izandla zenu nize niMnike udumo, ukuba niyakholwa ukuba Uyayenza.

95 Thixo Othandekayo, olu sana luyakufa, Nkosi, ngaphandle oku kube kwenziwe. Ndohlwaya eliqhina, eGameni likaYesu Kristu. Langa lingemka kwisana elimsulwa. Amen.

Ngoku, oogqirha bazamile, kwaye basilele. Kholwa nje. 

*OMNYE KWISIGIDI XHO65-0424*  
(One In A Million)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngoMgqibelo, wama-24 Epreli, 1965, kwisidlo sakusasa sobuDlelwana bamaMadoda Angoosomashishini beFull Gospel, eClifton's Cafeteria, eLos Angeles, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)